INkampani yoBugcisa obenziwayo yaKwaZulu-Natala
Yabhengezwa ngokwecandelo lesi-3(1) loMthetho waMaziko eNkcubeko, 1998 (uMthetho we-119 ka-1998) ngowoku-01 kwekaTshazimpuzi 2003
PO Box 5353, DURBAN, 4000, 29 Acutt Street, DURBAN, 4001, KwaZulu-Natal, South Africa
Umnxeba: (031) 3699555, Ifeksi: (031) 306 2166, Iinkonzo zemveliso Mayville, Umnxeba (031) 208 4171 Ifeksi: (031) 208 4162
Idilesi yeimeyili: info@playhousecompany.com; http://www.playhousecompany.com

IPLAYHOUSE COMPANY

ISIMEMO SOKUFAKA ISICELO SENTSEBENZISWANO
Abaniki beenkonzo abanqwenela ukuyila, ukunika, ukufakela, ukuvavanya nokuqinisekisa ukusebenza kwestudiyo sokushicilela ePlayhouse Company bayacelwa ukuba bafake izicelo zokucela intsebenziswano. – Inombolo yesalathisi PHC 40/2015

IPlayhouse Company liziko lenkcubeko elibhaliswe phantsi kweCandelo lesi-3(1) loMthetho wamaZiko eNkcubeko, 1988, kwaye injongo yalo kukukhuthaza ubugcisa nenkcubeko KwaZulu-Natala.

Amaxwebhu eziniki-maxabiso ayafumaneka ngomhla wesi-**3 kweyeKhala 2015** ngomrhumo ongabuyiswayo ongama-R350, ekufuneka uhlawulwe ngqo kuSudesh Harilal (inombolo yakhe yomnxeba 9443)

Umhla wokuvalwa kokufakwa kwezicelo ezizalisiweyo zeziniki-maxabiso ngowesi-**3 kweyeThupha 2015 ngentsimbi ye-11 kusasa**. Izicelo ezifike emva kwexesha azisayi kwamkelwa. Izicelo mazifakwe kwimvulophu ivalisiswe zize zithunyelwe kwiNgqonyela kule dilesi ingasentla apha.

Indibano enyanzelekileyo yokuhlola isiza iya kubanjwa ngomhla we-**10 kweyeKhala 2015 ngentsimbi ye-10 kusasa** ePlayhouse Company, 231 Anton Lembede Street, Durban.

Isicelo sentsebenziswano siya kuthi siquke oku kulandelayo, phakathi kwezinye izinto*:*

- Uyilo lwestudiyo sokushicilela olunemizobo ecacileyo kunye noluhlu lwezixhobo namaxabiso
- Ukususwa kwezixhobo ezingasasetyenziswa
- Ukunika izixhobo ngokungqamene noluhlu olucacileyo olukwisicelo sentsebenziswano
- Ukufakela, ukuvavanya kunye nokuqinisekisa ukusebenza kwezixhobo ngokungqamene noluhlu olukwistudiyo sokushicilela
- Ukunika iinkonzo/iziqinisekiso zokugcina kunye nezesiqinisekiso (iwaranti)
- Ukunika iimanuwali zoqeqesho kunye noqeqesho oluthabatha iiyure ezingama-24 lokufundisa abasebenzi abafanelekileyo indlela ezisebenza ngayo izixhobo zestudiyo sokushicilela

Ezinye izinto eziyimfuneko zidweliswe apha ngezantsi:
• Amava okufakela izixhobo zokushicilela estudiyo kufuneka abhengezwe.
• Amaxwebhu eziniki-maxabiso athunyelwe engazaliswanga ngokupheleleyo, afike emva kwexesha, athunyelwe ngefeksi okanye angatyikitywanga aya kukhatywa
• Siyafuneka isiqinisekiso seBEE
• Isiqinisekiso esingakhutshelwanga nesisemthethweni sokuhlawulwa kwerhafu sinyanzelekile ukuba sibe khona
• IPlayhouse Company ayinyanzelekanga ukuba yamkele isicelo sentsebenziswano esinelona xabiso liphantsi.

*Ngeenkcukacha ezithe vetshe nceda uqhagamshelane no*Nkszn. K Khan kule nombolo yomnxeba: 031 – 369 9425 okanye kule dilesi yeimeyili kayk@playhousecompany.com